Isalathiso: 20210920-6000
Inombolo yefayili: 4/4/3/1
Imibuzo: S Dlamini

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yeMali: 0005/2021

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu, kooTitshala nakubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente

Isihloko: Ukuqaliswa kweepeyisiliphu ezikwikhompyutha (*electronic payslips* (*e-Payslips*))

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) liza kuqalisa iprojekthi entsha, ebizwa ngokuba yi-*e-Payslip project*, ejolise ekuhambiseni iipeyisiliphu (*payslips*) ngekhompyutha kubasebenzi.

2. Injongo yale mbalelwano kukwazisa ngale nkqubo intsha iqalwayo.

3. Kumgaqo-sikhokelo wezemali apho ukucuthwa kwebhajethi kuyinto eyenzeka ngokwenyani, ibalulekile imfuno yokusebenza ngokuyimpumelelo kwale nkqubo. Imfuno yokucinga ngokutsha, yokwenza ngokutsha iinkqubo ezingundoqo emsebenzini nokugxila ngamandla ekwenzeni iinkqubo zethekhinoloji nezenziwa ngoomatshini, ingumsebenzi ongxamisekileyo wokuphucula ukwenziwa komsebenzi apha ngaphakathi kurhulumente.

4. Iprojekthi ye-*e-Payslip*, ngoko ke, yenzelwe ukuthatha indawo yeenkqubo zangoku zokuhanjiswa ngesandla kweepeyisiliphu ezineendleko nezithatha ixesha elide ukwenzela ukuba abasebenzi bafumane iipeyisiliphu ezingamaphepha. Le projekthi iya kwenza babenako bonke abaqeshwa ukubona ii-*e-Payslips* zabo yaye bazikhuphele *(download*) ngekhompyutha okanye ngee-*smartphones* ngexesha elilungileyo kubo.

5. Ukungqinelana noMthetho i-*Protection of Personal Information Act, 2013 (Act 4 of 2013),* kuthathelwe ingqalelo yonke imiqathango eyimfuneko yokuqinisekisa ukuba iyalandelwa imigaqo yokukhuselwa nokugcinwa kweenkcukacha zomntu ngalo lonke ixesha.

6. ISebe i*WCED* liya kuyiqalisa iprojekthi ye-*e-Payslips* ngokwezigaba ngezigaba ngethuba eliphakathi ko-Oktobha 2021 ukuya kuMatshi 2022 yaye liya kuqhubeka ngokuzihambisa ngesandla iipeyisiliphu kude kube lixesha apho iphunyezwe yagqitywa ngokuyimpumelelo le nkqubo.

7. Imbalelwano engaphezulu iya kulandela ngexesha elifanelekileyo ukuqinisekisa ukuba abaqeshwa banolwazi olwaneleyo ngokuhanjiswa nokufunyanwa kwezi *e-Payslips*.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-09-28